Isalathiso: 20210715-4396
Inombolo yefayili: 12/2/2/P
Imibuzo: L Momberg

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye-*FET*: DCF 0005/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeZifundo be-*Business Studies* nakwiiNqununu zezikolo ezifundisa amaBakala 10 ukuya kwele-12

Isihloko: IKhwizi ekwiKhompyutha ye-*Business Studies* yeBakala 12 yePhondo ka-2021

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni licela abafundi ukuba bangenele iKhwizi ekwiKhompyutha ye-*Business Studies* yeBakala 12 yePhondo ka-2021. Ikhwizi iya kuqhutywa ngazo zombini iilwimi, ezisisiNgesi nesiAfrikansi NgoMgqibelo, umhla we-14 Agasti 2021.

2. Qaphela ezi mfuno zongenelo zilandelayo kwiKhwizi ekwiKhompyutha ye-*Business Studies* yeBakala 12 yePhondo:
   - Abafundi be-*Business Studies* beBakala 12.
   - Abafundi kufuneka babe nenombolo ye-*CEMIS*.
   - Abafundi kufuneka babe nedilesi ye-imeyili esemthethweni.
   - Abafundi kufuneka babe ne-*desktop*/i-*laptop*/i-*tablet*/i-*smartphone*.
   - Abafundi kufuneka babe nedatha ye-intanethi.

3. Abafundi abathatha inxaxheba baya kuvavanywa kwikhontenti ye-*Business Studies* yeBakala 12 ngokwesiCwangciso sokuFundisa saQho ngoNyaka sokuBuyisa iXesha eliLahlekileyo seBakala 12 sika-2021 (*2021 Grade 12 Recovery Annual Teaching Plan*). Funda isiHlomelo A seNcwadana eSetyenziswayo enguVimba yeKhwizi ye-*Business Studies* yeBakala 12 (*Grade 12 Business Studies Quiz Resource Booklet*) okanye isiHlomelo B se-*Graad 12 Besigheidstudies Vasvra Hulpbronboekie*.

4. Sebenzisa ezi linki zingezantsi ukungena kwikhontenti yedijithali (*content digitally*):

Ikhontenti	**Ilinki**
INcwadana eSetyenziswayo enguVimba yeKhwizi ye-*Business Studies* yeBakala 12 (*Grade 12 Business Studies Quiz Resource Booklet*)	https://wcedeportal.co.za/eresource/202636
INcwadana eSetyenziswayo enguVimba yeKhwizi ye-*Graad 12 Besigheidstudies Vasvra Hulpbronboekie*	https://wcedeportal.co.za/eresource/202641

5. Ukubhalisela ukuthatha inxaxheba kwikhwizi makwenziwe ngelinki yefom efumaneka ku-*Google* (*Google form link*) engezantsi phambi okanye **ngoLwesihlanu**, **we-30 Julayi 2021.** Ilinki: https://forms.gle/q1voCwuJFri4C5qy7

6. Olu khuphiswano lwekhwizi luya kuqhutywa ngemijikelo **EMITHANDATHU** njengoko kubhaliweyo ngezantsi:

Umjikelo	**Izihloko ezibaluleke gqitha**	**Inani lemibuzo**	**Abathathi-nxaxheba**
1	*Business Environments*	30	Ngabo bonke abafundi
2	*Business Ventures*	30	Ngabo bonke abafundi
3	*Business Roles*	30	Ngabo bonke abafundi
4	*Business Operations*	30	Ngabo bonke abafundi
5	*Business Environments & Business Operations*	50	Ngabafundi abayi-100 abanamanqaku aphezulu kakhulu Kwimijikelo 1–4
6	*Business Venture & Business Roles*	50	Ngabafundi abayi-100 abanamanqaku aphezulu kakhulu Kwimijikelo 1–4

7. Imibuzo malunga neKhwizi mayithunyelwe ngqo kubacebisi ngezifundo be-*Business Studies* bezithili okanye kumcwangcisi wekharityhulam omkhulu we-*Business Studies* kwaNdlunkulu.

8. Kucelwa iinqununu ukuba zazise okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane ootitshala nabafundi be-*Business Studies* beBakala 12 ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED
USEKELA MLAWULI-JIKELELE OBAMBELEYO WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2021-07-26